PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# VAKALISA IZIMVO ZAKHO

## INkqubosikhokelo yeNgeniso yeRhafu kunye neziCelo zeNgeniso

## Iziphakamiso noVakalisozimvo

IKomiti eSisigxina yezeMali kunye neKomiti eKhethekileyo engeziMali imema amahlakani kunye namaqela anomdla ukuba angenise iziphakamiso ezibhaliweyo ezimalunga neNkqubo-sikhokelo yeNgeniso yeRhafu kunye neziCelo zeNgeniso eziza kuthiwa thaca kunye noHlahlo lwabiwo-mali lweSizwe lowama-2026/2027 ngoLwesithathu umhla wama25 kweyoMdumba 2026.

**UMthetho-siHlomelo osaYilwayo weNkqubo eHlonyelweyo yeMithetho eYilwayo yeziMali kunye neMiba eNxulumene naWo, uMthetho onguNombl-9 wowama-2009 uchaza inkqubo-sikhokelo yengeniso yerhafu ngolu hlobo lulandelayo:**

*inkqubosikhokelo yonyakamali othile esiphumeza kumgaqonkqubo woqoqosho olukhulu lwesigqeba sesizwe nesibandakanya-*

- *(a) uqikelelo lwayo yonke ingeniso, uqingqo-mali, uqingqo-mali olongeziweyo oluphawulwe ngokwahlukileyo, ekulindeleke ukuba luphakanyiswe kula nyaka-mali;*
- *(b) uqikelelo lwayo yonke inkcitho, uqingqo-mali kunye noqingqo-mali olongeziweyo oluphawulwe ngokwahlukileyo, kula nyaka-mali;*
- *(c) uqikelelo lwemboleko kula nyaka-mali;*
- *(d) uqikelelo lwenzala kunye neendleko zokuncedisa amatyala; kunye*
- *(e) nokubonisa uvimba kaxakeka oyimfuneko ngempendulo efanelekileyo kwithuba likaxakeka okanye kwizidingo zexeshana, kunye nezinye iimeko ezisekelwe kwiinjongo ezifanayo.*

**Iindibano zovakaliso-zimvo ziza kubanjwa ngoZoom ngoLwesibini, umhla we10 kweyoKwindla 2026.**

**Abo banomdla wokwenza iziphakamiso kwindibano zoluntu zovakaliso-zimvo ngoLwesibini umhla we10 kweyoKwindla 2026 kuza kufuneka benze isicelo soko ngokukodwa. Ezi mvakaliso-zimvo ziza kuqhutywa ngo-*Zoom*.**

**Iziphakamiso kunye nomqondiso wakho wokwenza unikezelo lwengxelo ngomlomo kufuneka ufunyanwe ingadlulanga intsimbi ye12:00 ngoMvulo, umhla we09 kweyoKwindla 2026.**

**Iziphakamiso kufuneka zingeniswe kooNobhala beeKomiti, uMnu Allen Wicomb kunye noNks Teboho Sepanya (iKomiti eSisigxina engeziMali) kunye noMnu Nkululeko Mangweni (iKomiti eKhethekileyo engeziMali), 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town, 8000 okanye ithunyelwe nge-imeyile ku: awicomb@parliament.gov.za / tsepanya@parliament.gov.za / nmangweni@parliament.gov.za kwinombolo yomnxeba (021) 403-3759 / (021) 403-3738 / (021) 403-3782.**

**Iikopi zeNkqubo-sikhokelo yeNgeniso yeRhafu kunye neziCelo zeNgeniso ziza kufumaneka ngomhla we-25 kweyoMdumba 2026 ku www.treasury.gov.za.**

**Sikhutshwe ngoHloniphekileyo uMnu MJ Maswanganyi, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti eSisigxina engeziMali (kwiNdlu yoWiso-mthetho) kunye noHloniphekileyo uMnu S Ndhlovu, iLungu lePalamente: uSihlalo weKomiti eKhethekileyo engeziMali (kwiBhunga leSizwe lamaPhondo).**